



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

2015

MEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-11.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.
2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.
3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.
4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.
5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.
6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.
7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 NguYolisa.√ (1)
- 1.1.2 NguLungile√ noNomakhwezi.√ (2)
- 1.1.3 (a) (iii).√ (1)
(b) (iv).√ (1)
(c) (ii).√ (1)
- 1.1.4 Ewe ngumlinganiswa oyintloko kuba iziganeko eziqhubeka apha ebalini zijikeleze yena√/incwadi ibonisa izinto ezintle nezimbi ezithe zehlela uMpumelelo ebomini bakhe√/ukusuka ekuqaleni ukuya ekugqibeleni ifuthe lakhe liyavakala√/ube nomchasi onguNozililo√/uye wasusa imiqobo enjengokugula kwakhe waze waphumelela.√
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.5 Kukungamkeleki kuNomakhwezi.√ (1)
- 1.1.6 Nguye obehambela imicimbi kaMpumelelo esikolweni nakwizibhedlele abegulela kuzo bakuba bengasekho abazali bakhe.√√ (2)
- 1.1.7 Uvakalelo lonxunguphalo.√ (1)
- 1.1.8 Uxelele uNomakhwezi ukuba uLungile uyathandana unentombazana enguMebhelina ahamba nayo ezihotele√√/wathi uLungile uyaphosisa xa esithi uya kumhlobo wakhe kwaMashu ngezeshishini koko uya emankazaneni, wathi amabhinqa aye evenkileni aye kuLungile akayanga kuthenga.√√ (2)
- 1.1.9 Zombini ezi ntsapho zafa ngomlilo.√√ Abazali bakaMpumelelo batshela emotweni kanti uNozililo noNtongana batshela endlwini yabo.√√ (2)
- 1.1.10 Intlungu iza kudlula, kusale ukukhanya okuza kukhanyisela umzi wakwaNtsibande nesizwe esiNtsundu siphela.√√ (2)
- [18]

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 ELusikisiki.√ (1)
- 1.2.2 Kukutofwa kwaso nge-absolute alcohol ebutywala obungangxengwanga engqondweni.√√ (2)
- 1.2.3 Lwaba nefuthe lokuba abangamaziyo batsho bamhlonipha bamthemba bade baya eLusikisiki ukuya kufuna olu nyango√√ (2)
- 1.2.4 B Ingcinga enye ebethelekileyo ngokwesini√/B√/ingcinga enye ebethelekileyo ngokwesini.√ (1)
- 1.2.5 Kuyabonakala ukuba ngale mini unyanga umntu onamandla kakhulu.√√ (2)
- 1.2.6 Sikwinqanaba lokusonjululwa kwezinto.√
Ngesizathu sokuba olu nyango lumbonisa uMpumelelo esisibane esikhanyisa kulo lonke ilizwe nesizwe sikaNtu.√ (2)
- 1.2.7 Njengomlinganiswa owuthandayo umsebenzi wakhe√√/owomeleleyo√√othanda ukuqhula.√√ (2)
- 1.2.8 Ngoweliso.√ (1)
- 1.2.9 Yafika ngokukhawuleza ngelixa ehlatywa sisigulana. Wamncedisa ngexesha awayesakha isibhedlele/ungomnye wabantu abamqandayo ukuba angaphumi phandle ukuze angenzakali ngexesha ehlatywa ngumtshana kaNozililo.√√ (2)
- [Nasiphi isibini kwezi] (2)
- 1.2.10 Isihloko sebali esithi 'Kusa Kusihlwa' siyanxulumana nomxholo kuba ebomini bakhe bekusithi xa kungathi kuyalunga kusuke kubekho eminye imiceli mngeni ahlangebazana nayo.√√ (2)
- [17]
[35]

OKANYE

UMBUZO 2

UMQOL'UPHANDLE– PM Ngani

ISICATSHULWA A

- 2.1 2.1.1 Wayese*Moonglow*.√ (1)
- 2.1.2 Ngowomntu omileyo ongashukumayo.√√ (2)
- 2.1.3 Kungenxa yencwadana eyayivela kuSis'Linda awayeyifumene kwaEddie xa ebeye kuphanda.√√ Kuba wayesele eve lukhulu ngaye.√√ (2)
- 2.1.4 Wawa kwaza kwavela ukuba ungumcuphi ngenxa yevolovolo nencwadana yokuthatha amanqaku eyavelayo√√/emva kwezinto ezimehleleyo uzibhaqe sele eyedwa kuloo tafile yeziselo.√√ (2)
- 2.1.5 (a) (iv).√
(b) (iii).√
(c) (i).√ (3)
- 2.1.6 Ngumona.√ (1)
- 2.1.7 Kukungena engankqonkqozanga aze abuyele kwasemnyango ankqonkqoze ezenza umntu ofikayo.√√ (2)
- 2.1.8 Siphuhlisa ukuthabatheka bubhle bukaLinda.√ (1)
- 2.1.9 Abahlobo bakaEddie babefuna ukuthengisa intsangu yena uEddie wayechasene naloo mbono.√√ (2)
- 2.1.10 Kukuphanda kuJoe Bumba afumane iinkcukacha ngetape recorder.√/Kukufumana ulwazi malunga neHill Street enomqulu onemicimbi kaEddie kwezamafa. √/Kukufumanisa ukuba kukho umntu ongengoLinda onebhatyi efana neyakhe.√/Kukulanda ekhondweni lemigulukudu afumanise ukuba eMoonglow kwakuthengiswa iziyobisi.√/ Kukuphanda ade afumanise ukuba uNkosikazi Hobe wayezibiza ngaye uThembisa wabhubha.√ (2)
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)

[18]

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 NguMnu.Khumalo√/nguKay.√ (1)
- 2.2.2 Ngokubulala.√ (1)
- 2.2.3 Yincwadana awayibhalela uEddie ezixela ukuba akazokuphumelela ukuya naye ebhayaskophu, makahambe nesinye isithandwa sesibini√/yimbumbulu ephuma kwi.38 automatic eyivolovolo kaLinda√/umkhondo wamavili emoto eyayiqhutywa linenekazi elalingene eRio cinema iRoadmasters tyres√/nebhatyi emfumamfuma efana nekaLinda√/kukuxela kwakhe ukuba ngala mini wayesele kakhulu utywala angazange wabusela ngaphambili.√
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 2.2.4 C ukuhlonipha√/C√/Ukuhlonipha.√ (1)
- 2.2.5 Kukubamba ivolovolo ngesandla engazithathanga iimpawu zeminwe yomntu wokugqibela obeyibambile.√/Wakhe wazikholelwa izinto ezazithethwa nguNkosk. Hobe ngoLinda.√/Kukucingela ukuba nguLinda yedwa onedyasi efana nemink coat.√/Kukungabi nabungqina buphelelyo ngamavili eeroadmasters./ kukungena yedwa kwaLinda kungekho mangqina.√ (2)
- Nasiphi isibini kwezi.]
- 2.2.6 Linqanaba lokujiya kwezinto/lokuyondelelana kweziganeko√ kuba impixano ikhula ngokukhula uHlobo ubona uLinda enetyala abe yena ezibona engenalo.√ (2)
- 2.2.7 Akubanjwa uLinda nguye owaya kufuna ukuqonda ubanjelwe ntoni√/nguye yedwa owayekho enkundleni yamatyala ehlalelwe yijaji√/nguye owafunela uLinda igqwetha lokummela kweli tyala/wade walwa noHlobo xa wayecinga ukuba uhlasela uLinda.√
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 2.2.8 Sasilungile ngenxa yobuzaza betyala lakhe nangokunyanzelwa ngamasolotya omthetho anxulumene namatyala alolu hlobo.√√

Okanye

Sasingalunganga kuba uLinda wayengenabungozi kwaye wayengazi kuphazamisana nobungqina obusebukho√√/wayengenatyala.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 2.2.9 Ndiyavelana naye kuba ebemthanda uEddie.√√ (2)
- 2.2.10 Isihloko sencwadi esithi 'Umqol'uphandle' siyanxulumana nomxholo wokuba akhonto ifihlakala kuphele kuba ababulali bakaEddie baye bavela kungekho nendlela yokuba bakhanye.√√ (2)
- [17]**

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 3

NDIYEKENI– DM Jongilanga

ISICATSHULWA A

- 3.1 3.1.1 Kwisikolo iNobutho Higher Primary ✓/kwi-ofisi kaLoni. ✓ (1)
- 3.1.2 Ubizelwe ukuxoxiswa ngesenzo sakhe sokuthuma uLiziwe ukuba ayokuthenga utywala ngexesha lesikolo. ✓ (1)
- 3.1.3 ULoni ungumchasi kaNdila. ✓ (1)
- 3.1.4 (a) (iii). ✓
(b) (iv). ✓
(c) (i). ✓ (3)
- 3.1.5 Sikwinqanaba lokuyondelelana kwezinto ✓/kutyalwa khona izithole zempixano. ✓ (2)
- 3.1.6 Kukubonisa ukuba le tasi ibubungqina obupheleleyo. ✓✓ (2)
- 3.1.7 Saba sesokuba uNdila makarhoxe emsebenzini. ✓✓ (2)
- 3.1.8 Nguye owaxelela uLoni ukuba uNdila uthume uLiziwe ongumfundi ukuba ayokumthengela utywala ngexesha lesikolo. ✓✓ (2)
- 3.1.9 Isigqebeliso sisekubeni lo Loni uxoxisa ititshala eselayo namhlanje naye uphela elixhoba lotywala. ✓✓ (2)
- 3.1.10 Isihloko sedrama uNdiyekeni sinxulumana nomxholo wokuphalala kukaLoni ngenxa yokungafuni kunqandwa emana ukuthi Ndiyeke-e-eni sele ephalala. ✓✓ (2)
- [18]**

ISICATSHULWA B

- 3.2 3.2.1 Ongungcothoza ✓/Oyimpimpi. ✓ (1)
- 3.2.2 Sikhokelele ekubeni amapolisa aye endlwini kaFuneka. ✓ (1)
- 3.2.3 A zibonisa intshukumo ✓/A ✓/Zibonisa intshukumo ✓ (1)
- 3.2.4 Bubungqwalala. ✓/
Ukukwazi ukuyimela into embi ayenzileyo. ✓/
Bubuncukuthu. ✓/
Kukungabinasimilo. ✓ (2)

- 3.2.5 Wazithengela ityhefu wayisela waya kwaFuneka.√
Wangena ngefestile kwaFuneka washiya imvulophu ebinetyhefu
ebhalwe igama likaNdila nedilesi yakhe.√
Washiya nencwadi yesazisi yakhe phantsi komatrasi kaZanele.√
Wafela apho kwaFuneka.√
[Nasiphi isithathu kwezi] (3)
- 3.2.6 Bagwetywa ngokufanelekileyo kuba bayachaphazeleka ngenxa
yokuba ngabo abamrhuqela emfuleni bakumfumanisa efile.√√
- OKANYE
- Bagwetywa ngokungafanelekanga kuba uMawonga wazibulala
ngokwakhe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 3.2.7 La mazwi abonisa ukuba nokuba bebesele becinga ukuba
bamtshabalalisile waphela uLoni kodwa uye wakwazi
ukuziphindezela sele efile wabatshabalalisa naye.√√ (2)
- 3.2.8 Kulapho afundiswe khona ukusela utywala uLoni.√
Kulapho akrexeze khona noZanele.√
Kulapho imali yakhe ebeyichitha khona.√
Kucetywa khona ukutshabalalisa uLoni.√
Akuyi lubuyayo kwaFuneka namanye amadoda atyelwe imali yawo
phaya√
[Naziphi ezintathu kwezi.] (3)
- 3.2.9 Akukho nto ifihlakala kude kuphele√√/okwenziwa ebumnyameni
kovezwa elubala.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi.] (2)
- [17]**

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

UMBUZO 4

UMNTU AKAL AHLWA –EZ Guqa

ISICATSHULWA A

- 4.1 4.1.1 NguNobesuthu√ noNomtha.√ (2)
- 4.1.2 Lichanekile kuba libhekisa kwisenzo sokukhulelwa kwamantombazana engatshatanga .√√ (2)
- 4.1.3 Wambetha√ wamyekisa nesikolo.√ (2)
- 4.1.4 (a) (ii).√ (1)
(b) (i).√ (1)
(c) (iii).√ (1)
- 4.1.5 Kwinqanaba lokujiya kwezinto/lokuyondelelana kwebali√ kuba oku kuba nzima kweentombi zizithole zempixano ezihambisela phambili ibali.√ (2)
- 4.1.6 Omoyikayo umyeni wakhe√akakwazanga ukumnqanda umyeni wakhe xa ebegxotha abantwana bakhe ngobusuku ngokoyika ukuba ngahle kuthiwe makaphume abalandele naye.√ (2)
- 4.1.7 Bahlalisene ngendlela yokuba bayancedisana ngokunika abantwana indawo yokusithela xa kukho ukungavisisani phakathi kosapho.√√ (2)
- 4.1.8 Zafunda zaba ziiitshalakazi. (1)
- 4.1.9 Yeyokuba umntu akalahlwa nokuba sele enze iimpazamo ezingakanani na√√/umntu akakhalalwa de akhutshelwe ngaphandle ekhayeni lakhe ngenxa yeempazamo azenzileyo ebomini.√√ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)

[18]

ISICATSHULWA B

- 4.2 4.2.1 (a) NguManduleli.√ (1)
- (b) Watsarhwa.√ (1)
- 4.2.2 Ungumntu ongazange enzele mntu nto.√
Wayengahambi mngcwabo wamntu.√
Bekungekho yakhe phakathi koluntu.√
Ube yindoda nje phakathi kwamadoda kuba enxiba ibhulukhwe.√
[Naziphi ezintathu] (3)
- 4.2.3 Umdla wabantu wawukwingxokozelo ephuma exandeni apho
ibhokisi yayixinge khona.√
Indlela eyayiculwa ngayo ingoma yayingaziwa ngumntu wonke.√ (2)
- 4.2.4 B. Ukungaboni kakuhle.√/B.√/ukungaboni kakuhle.√ (1)
- 4.2.5 Babexakekile besenza into ekungekho lula ukuba baphumelele
ukuyenza.√√ (2)
- 4.2.6 Yimpixano yangaphandle√ kuba kubekho ukukruthakruthana
kwezithethi zibanga ilungelo lokuthetha.√ (2)
- 4.2.7 Asinyanisekanga kuba umbhali uthi wayedlisela ngokumana
esothula isikhalo kubonakala ukuba sasilinde le mini.√√/Kuba
ukugqunywa oku kwabo kuyakrokrisa kuba akukho lula ukwazi
ukuba nguyena wuphi lo ulilayo, ingakumbi sele kukho nokukrokra
kwalapha kumbhali√√

OKANYE

- Sinyanisekile kuba umbhali uthi wayekhubeke kakhulu lo mzili
wayemana ukukhala kwaye wayegqunywe ngengubo ukubonisa
ukusondela enxebeni.√√ (2)
- 4.2.8 Babezele ukuza kutya inyama.√ (1)
- 4.2.9 Siyanxulumana ngokuba lo mfo kude kwasekupheleni engaziwa
ngumfundisi ukuba ungumntu onjani kwaye nabantu
bengazimiselanga kumxelela ukuba ebenjani, kwada kwagqitywa
inkonzo apho kuthe xa kutyiwa zavela iindaba zokuba kanti
ibingumntu ongasebenzisaniyo nabantu.√√ (2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

UMBUZO 5

- | | | | |
|-----|--------|---|-------------------|
| 5.1 | 5.1.1 | 'Indanda.'√ | (1) |
| | 5.1.2 | Yimvanosiqalo.√ | (1) |
| | 5.1.3 | (a) (ii).√
(b) (i).√
(c) (iv).√ | (1)
(1)
(1) |
| | 5.1.4 | Ukudala isingqisho.√ | (1) |
| | 5.1.5 | Iyimfezek'ingqibelelo.√√ | (2) |
| | 5.1.6 | Umbongo-nkcazo√imbongi ichaza ubuhle benkonjane.√ | (2) |
| | 5.1.7 | Weliso√ | (1) |
| | 5.1.8 | 'Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.'√√ | (2) |
| | 5.1.9 | (a) Ngumbuzo-buciko√/sisimntwiso.√ | (1) |
| | | (b) ukuncoma ubuhle bale ntaka ingathi incumile okomntu.√ | (2) |
| | 5.1.10 | Umbhali uncoma ubungcwele nokusulungeka kwale ntaka.√√ | (2) |
| | | | [18] |
| 5.2 | 5.2.1 | Kubomi esibuphilayo ngudulubhentsu nombhodamo ogqubayo.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | Umlisela nomthinjana.√ | (1) |
| | 5.2.3 | Wobubi√√/wobungozi√√/wezinto ezingendawo.√√ | (2) |
| | 5.2.4 | Luvakalelo lokoyika.√ | (1) |
| | 5.2.5 | Umzimba awufuni kwenza nto nangona umnini wawo ezicenga.√√ | (2) |
| | 5.2.6 | Yisuse imiqobo ekuthintelayo√√/ungazivumeli izinto ezifuna ukukudodobalisa√√/ube ngumntu ongadinwayo, ongatyhafiyo, onganikezeliyo√√/umzingisi akanashwa.√√ | (2) |
| | 5.2.7 | C. Kukuba ngungantweni√/C√/Kukuba ngungantweni.√ | (1) |
| | 5.2.8 | Ofuna into yexabiso akayikhangeli emfungumfungwini.√√ | (2) |

- 5.2.9 Usebenzise isifaniso ukuqaqambisa ukuba umntu ongenazinjongo ebomini uyafana nemfama yona ingakwaziyo ukubona apho iya khona.√√ (2)
- 5.2.10 Ngowokuba ubomi abukho lula bunemiceli mngeni emininzi ngoko ke kufuneka umntu aqine abheke phambili angajongi ngasemva.√√ (2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70